basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## NOVEMBA 2011

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: 2 iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha angama-22.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Yiya kwisiqulatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

4. Landela imiyalelo ngononophelo ekuqaleni kwecandelo ngalinye.

5. Phendula umbuzo ube mNYE nakweliphi ICANDELO kula, A, B noC. Phendula imibuzo ibe miBINI kwiCANDELO D.

6. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

7. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwicandelo ngalinye.

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo. | | | |
|---|---|---|---|
| **INANI LOMBUZO** | **UMBUZO** | **AMANQAKU** | **INOMBOLO YEPHEPHA** |
| 1. *Kusa kusihlwa* | Umbuzo omde | 35 | 5 |
| **OKANYE** | | | |
| 2. *Kusa kusihlwa* | Umbuzo omfutshane | 35 | 5 |
| **OKANYE** | | | |
| 3. *Umqol'uphandle* | Umbuzo omde | 35 | 7 |
| **OKANYE** | | | |
| 4. *Umqol'uphandle* | Umbuzo omfutshane | 35 | 8 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo. | | | |
| 5. *Ndiyekeni* | Umbuzo omde | 35 | 10 |
| **OKANYE** | | | |
| 6. *Ndiyekeni* | Umbuzo omfutshane | 35 | 10 |
| | | | |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo. | | | |
| 7. *Umntu akalahlwa* | Umbuzo omde | 35 | 13 |
| **OKANYE** | | | |
| 8. *Umhlahlo ngamehlo* | Umbuzo omfutshane | 35 | 13 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>Phendula nayiphi imibuzo emiBINI kweli Candelo. | | | |
| 9. Iimbongi zakwaNtu | Umbuzo omfutshane | 17½ | 16 |
| **OKANYE** | | | |
| 10. Intaba kaNdoda | Umbuzo omfutshane | 17½ | 18 |
| **OKANYE** | | | |
| 11. Ukungcwatywa kwetalente | Umbuzo omfutshane | 17½ | 20 |
| **OKANYE** | | | |
| 12. Inkonjane | Umbuzo omfutshane | 17½ | 21 |

## ULUHLU LOKUKHANGELA

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | PHAWULA |
|---|---|---|---|
| A: INoveli<br>(Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 1–4 | 1 | |
| | **OKANYE** | | |
| B: Idrama<br>(Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 5–6 | 1 | |
| | **OKANYE** | | |
| C: Amabali amafutshane<br>(Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 7–8 | 1 | |
| | **OKANYE** | | |
| D: Isihobe | 9–12 | 2 | |

**QAPHELA: Phendula umbuzo ube mNYE nakweliphi ICANDELO kula, A, B noC. Phendula imibuzo ibe miBINI kwiCANDELO D.**

## ICANDELO A: INOVELI

### UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

***KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela**

Bonisa indlela umbhali abazobe ngayo aba balinganiswa balandelayo (240 amagama):

1.1 Mpumelelo Ntsibande

1.2 Lungile Ntsibande

1.3 Nozililo Makhwetshu **[35]**

**OKANYE**

### UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

'Uthi kutheni na Thembisa, uza kuya emtshotshweni?' ibuzile ititshala yakhe yakube ibuza ngokuba uza kuthini na kunyaka olandelayo akuba ephumelele.

'Ewe, titshala, kutsho utata. Uthi yena akanaxesha lokufundisa intombazana kwaye akanamali yakuyichitha kuloo mfeketho.'

'Sisimanga noko esi sikaGobidolo edibene noNowenti lowa. Khona sekusithiwa abantu babomvu madoda, yakha yakho into yokuba bangathi beneegusha ezingakaya kweli xesha sinalo, babe besathetha lo nobenani? Kulungile Thembisa ndiza kukhe ndidibane naye,' utshilo utitshala uNgxowankulu owayeyinqununu kwisikolo awayefunda kuso.

'Hayi titshala, ndiya kuncama xa ubuya nento,' itshilo intombi ngelokuncama kubonakala ukuba ibindekile yakucinga ngoogxa bayo ababesebevunyiwe kwezinye izikolo kulo nyaka wabo ulandelayo. Eneneni bathe bakudibana noGobidolo basunduzana ngokwenyani, lingaxoxi ityathangubo libile limanzi. Phulaphula:

'He mfanandini kaNgxowankulu, uqinis' imihlathi undixambulisa emzini wam nje, uzikhathaza ngantoni ngomntwana wam? Yinto obuyikhathalele ngantoni le yokusuka ngapha eTheko uze kubhuda apha? Bekuthiwe kuba ndiliqaba andiyazi into endiyenzayo kakade ngomntwana wam? Nicinga ukuba ndithe nqa yile mfundo yenu undixelela ngayo? Imfundo yakha yenzela bani, ntoni? Naku nangoku nizizilambi makhumshandini angenazo neenkomo ezi kodwa kuthiwa nifundile. Nifunde ntoni xa ningakwazi nokufuya oku?'

'Hayi kaloku Khuboni ndi ...'

'Musa ukungxama mfana ndiyathetha. Ndithi kuloo mfundo undixelela ngayo, asihlaliswanga kakubi kukunxilelwa ngaba bantwana kuthiwa bafundile, kule migidi?' Uthe ukuba afike apho wamthi ntsho ngamehlo utitshala elindele impendulo. Uthe cwaka utitshala ngokuqonda ukuba usengozini kuba eli qaba beselimana ukuyinyola intonga le likhwenkxa ingubo futhi.

'Ndithi kuwe akuziboni iintombi zooSasayi ukuba zizishumane ezancama ukwenda kuba kaloku zifundile akukho nto ziyaziyo ngaphandle kokusoloko zibetha aba bantwana bethu kwesiya sikolo sidlakadlaka siya kuze siwele aba bantwana ngenye imini.'

'Ndinomntwana ke mna ongabhitya ade abe ziintsasa ngenxa yokomela esikolweni ngenxa yokuba kusithiwa yititshanakazi. Kaloku zona azihambi migidi zitshile zibethe ingqongqo zize kubonwa ngabafana.'
'Mawo ... o ... o, ukuba akunanto iyenye uyizeleyo kulo mzi kaNgubengcuka, nankuya umnyango mfanam; uThembisa ufundile xa ekwazi ukundibhalela ileta ebiza imali yoboya beegusha zam.'

2.1 Impendulo kaThembisa ethi 'Ewe, titshala, kutsho utata ...', isixelela ntoni ngoThembisa? (1)

2.2 Into yokuba uGobidolo athi akanaxesha lokufundisa intombazana ibonisa:

A Ingcinga enye esoloko isetyenziswa ngabantu abathile xa kuthethwa ngento ethile.
B Ukucenga ngenjongo yokuba ubani avume.
C Ulwimi olucacileyo nolutsolileyo. (1)

2.3 Yintoni le utitshala ayibiza ngokuba sisimanga? (1)

2.4 Nika igama likatitshala othetha noThembisa. (1)

2.5 Gqibezela esi sivakalisi ngokufakela impendulo echanekileyo.

Ukuthetha unobenani kukuthetha ... (2)

2.6 Ucinga ukuba kutheni utitshala esiya ngokwakhe kutata kaThembisa? (2)

2.7 Intetho kaThembisa ethi, 'Ndiyakuncama xa ubuya nento,' ibonisa ntoni ngoThembisa? (2)

2.8 Saba yintoni isiphumo sale ndibano katitshala noGobidolo? (1)

2.9 Chaza ngendlela awaziphatha ngayo uGobidolo xa wayedibene notitshala. (2)

2.10 Ingaba le ndlela uGobidolo aye wathetha ngayo notitshala iyamkeleka kuwe? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

2.11 Le ndlela athethe ngayo uGobidolo xa ebethetha notitshala itolika ntoni ngoGobidolo? (2)

2.12 Abonisa ntoni la machaphaza mathathu kule ntetho katitshala ngoGobidolo:

'Hayi kaloku Khuboni ndi ...' (1)

2.13 Yintoni eyona nto ayicaphukelayo uGobidolo kubantu abafundileyo? (1)

2.14 Uthetha ukuthini uGobidolo xa esithi, 'uqinis' imihlathi undixambulisa emzini wam nje, uzikhathaza ngantoni ngomntwana wam?' (2)

2.15 Wayehlala phi utitshala? (1)

2.16 Intshukumo kaGobidolo yokumana enyola intonga ekhwenkxa ingubo umbhali uqaqambisa ntoni ngayo? (1)

2.17 NgokukaGobidolo umsebenzi wootitshalakazi esikolweni kukwenza ntoni? (1)

2.18 Ingaba yintoni isizathu sokubhitya kootitshalakazi ngokukaGobidolo? (1)

2.19 UNowenti udlale eyiphi indima ekusombululeni ingxoxo katitshala nomyeni wakhe? (2)

2.20 Utitshala uNgxowankulu yayinguye unozakuzaku omele icala lakulo Thembisa. Oko kukuthi:

A Wayexoxa umcimbi wobulawu.
B Wayexoxa umcimbi wobugqirha.
C Wayexoxa ngokufundiswa kukaThembisa. (1)

2.21 Waphendula wathini uGobidolo xa uKhuboni wayemkhumbuza ukuba wathi ufuna ukumenza isishumane uThembisa ngokumfundisa? (1)

2.22 UThembisa akugqiba ukufunda akazange atshate. Yinyani okanye asiyonyani? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.23 Zithini iimbono zikaGobidolo ngemfundo? (2)

2.24 Inxaxheba ethatyathwe ngutitshala ngoThembisa ingaba yefanelekileyo? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
**[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)**

***UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani**

Bonisa indlela umbhali abazobe ngayo aba balinganiswa balandelayo (240 amagama):

3.1 Eddie Maga

3.2 Linda Monti

3.3 Thembisa Ntloko

3.4 Duma Hlelo **[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UMQOL'UPHANDLE*** **– PM Ngani**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Intsasa yayibanda, izulu lithe gqume ziingqimba zamafu amhlophe, kukho umoyana ombi ohlabayo. Phofu lalikho ilitha lelanga elingqunga ngaphaya kwamafu, lizungula ithuba lokutyhoboza. Inkundla yamatyala eMantyi yaseMonti yayilambatha abaphulaphuli ngaloo ntsasa kuba yayingesosiqhelo ukuba amatyala aqale ngentsimbi yethoba isekhona eyeshumi. Kodwa nakoo ke. Emkhumbini yayiyiloo nzwakazi yakwaMonti egama linguLinda. Yayingagaxele yayisus' amaphepha, isisicicibala phantsi kwe*winter costume* emvubo-mazimba, ichophise ngezihlangu ezineengcangula zezithende neempumlo ezingathi ziloliwe. Yayingenakuyiva loo ngqele phantsi kwemfumamfuma yebhatyi eyayiyinyule *kwaFemina House*. Loo bhatyi yileyo yothusa okaHlobo ekungeneni kwakhe enkundleni. Yaba sisimanga kuye into yokuba loo ntokazi ibe nesibindi sokunxiba loo bhatyi ngaloo mhla nasezintsukwini.

Sasilapho **isixhintolo** sesajini yakwaNgqondi, elungisa amaphetshana akhe okutshutshisa. Ecaleni kwakhe, yayinguHlobo, esenza amabhunga angaphele ndawo nokaNgqondi lowo. Yena uKhumalo, igatyana lomfana negqwetha elaziwayo eMonti, wayezihlelele ethe cwaka kwitafilana eyodwa, emana ukuphulula imiqulu yeencwadi eyayiphambi kwakhe, eqoba iliso futhifuthi, encumelana nenzwakazi esemkhumbini. Wayemnye kuphela okhoyo kwizihlalo zabaphulaphuli – inguDuma Hlelo, isicaka esithembekileyo sikaLinda.

Ude wangena umhlekazi, iMantyi, ithe wambu umnweba wayo omnyama, ihamba netoliki yayo. Emva kokubhala into engenasiphelo, ide yadanduluka inqeberhu yeMantyi ngelizwi eliphantsi, intetho yayo itolikwa ngesiXhosa ukubhekiswa kosemkhumbini:

'Wena Linda Monti, ubekwa ityala lokubulala owothi uzihlangule kulo kule nkundla xa livavanywayo ngomhla wethoba kwinyanga ezayo, ngentsimbi yeshumi, kusasa. Uvavanyo olo ndilumisela loo mhla. Ingaba ukho onento yokuthetha kwesi sithuba?' Kuphakame umtshutshisi, wahambisa wathi, 'Ngokuzithoba ndenza isicelo sokuba inkundla mayigunyazise okokuba ummangalelwa abe selugcinweni lwentolongo de kube nguloo mhla wokuvavanywa kwetyala. Ndinezizathu ezenza ndikholelwe ukuba ukukhululwa kommangalelwa kwesi sithuba kothi kuphazamisane nabatshutshisi xa beqokelela ubungqina beli tyala,' yatsho ihlala phantsi le nto.

4.1 Umbhali uthetha ukuthini xa esithi inkundla yayilambatha? (1)

4.2 Wayeyithenge kuyiphi ivenkile uLinda ibhatyi yakhe yodidi? (1)

4.3 Yintoni eyabangela ukuba uDick othuke xa uLinda engena emkhumbini enxibe ibhatyi yakhe yodidi? (1)

4.4 Ngubani umcuphi weli tyala? (1)

4.5 UKhumalo udlala yiphi indima kweli tyala? (1)

4.6 Yintoni ebangela ukuba uLinda Monti aziwe ngabantu bonke eMonti? (1)

4.7 Ngoobani amagama esi sibini atyholwa ngokusibulala? (2)

4.8 Xela zibe NTATHU izizathu ezibangela ukuba uLinda Monti akrokrelwe njengombulali. (3)

4.9 Xela izizathu eziBINI ezinikwe ligqwetha likaLinda xa lalisenza isicelo sebheyile. (2)

4.10 Yayingubani ingqina lokuqala lenkundla? (1)

4.11 Kumgca wokuqala nowesibini kwisicatshulwa umbhali usebenzise imozulu njengomelo (isimbolizim), khawucacise okuboniswa yile mozulu ngokwalapha ebalini. (3)

4.12 Nguwuphi umfanekiso-ngqondweni oba nawo xa kusithiwa umntu 'sisixhintolo'? (2)

4.13 Umbhali uthi uDuma Hlelo sisicaka esithembekileyo sikaLinda, ngokwasebalini yintoni ebonisa oku? (2)

4.14 Impendulo kaLinda awayinika esemkhumbini ethi: 'Andazani naloo nto mna!' xa abuzwa ngumantyi ukuba unetyala okanye akanatyala, ibonisa ntoni ngaye malunga neli tyala? (2)

4.15 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

'Ubekwa ityala lokubulala owothi uzihlangule kulo,' umantyi uthetha ukuba:

A Ubekwa ityala lokubulala ozifake ngokwakho kulo.
B Utyholwa ngesenzo sobugwinta ekuxhomekeke kuwe ukuzikhupha kuso.
C Ubekwa ityala lokubulala owosulelwe ngalo. (1)

4.16 Yintoni injongo yombhali yokusizobela isinxibo sikaLinda ngalo mhla wetyala? (2)

4.17 Ubungqina obunikwe ngusajini Ngqondi, ngobu-ethe-ethe betyala bube nafuthe lini kwisigqibo esithathwe yinkundla? (2)

4.18 Ungathi imantyi yathatha isigqibo esilungileyo ngokungamniki uLinda ibheyile? Xhasa impendulo yakho? (2)

4.19 Xela ubungqina obuvele mva kwityala likaLinda Monti obuye bamkhulula kwisityholo sokubulala uEddie noLulama. (3)

4.20 Ubunokuthini ukuba ubunguLinda xa sele befunyenwe ababulali emva kokuvalelwa ixesha elide kangaka? (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

### UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)

***NDIYEKENI* – DM Jongilanga**

Bonisa indlela umbhali abazobe ngayo aba balinganiswa balandelayo (240 amagama):

5.1 Mawonga

5.2 Ndila

5.3 Madala **[35]**

**OKANYE**

### UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***NDIYEKENI* – DM Jongilanga**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

| | |
|---|---|
| Maziko: | Kudala bawo ndikuxelela ngoLoni ochitha isikolo. Phofu nditsho kuba inguwe. Lo mfo wayeka ukusebenza, yonke into isemagxeni kum. Ndingxamele ukusinda-sindana kungoku nje. |
| Madala: | Ke lilonke uthi mandithini? |
| Maziko: | Mboneleni icebo uLoni. Andinakwenza umdovu womsebenzi ndingamkeli ngawo. |
| Madala: | Ucebisa ukuba senze ntoni ke wena titshala? |
| Maziko: | Awu! Uya kuthini kaloku bawo ukuzenza ibhenqa ulizingela. Ndize kukuvusa njengelungu lekomiti, nalungu lekomiti usihlalo. |
| Madala: | Kaloku titshala kufuneka xa undulula umcimbi uqiniseke ngawo. Andimntu uthanda ukubamba intulo ngomsila. |
| Maziko: | Uthetha ukuba animboni ukuba uLoni utshila ngesidanga sikaNdila? Iziphumo zizibi nje le minyaka mithathu, nithi zibangwa yintoni? |
| Madala: | Ewe zinjalo zonke ezi zinto uzithethayo kodwa ke besisalindele intloze singazi ukuba siza kufumana bani na endaweni yakhe. |
| Maziko: | Hehe ... hehe! (*Ehlekela phantsi.*)<br>Kutheni na bawo ngoku, wajonga phesheya komlambo? Ndathi umsebenzi ndiwuphethe kungekho gxeke, yintoni eya kundoyisa xa sendihlawulelwa ngawo? |

| | |
|---|---|
| Madala: | Andithi nguwe ogqiba ukuthi iziphumo zibi ukho nje nawe? Ndova yiphi? |
| Maziko: | Mna kaloku andinanto yakwenza nebanga lesithandathu. |
| Madala: | O! Hayi ke ndiyeva titshala. Kaloku thina asifundanga loo nto ke isifumanise ubunzima, ngakumbi nangakumbi xa sizama ukucukula umntu ofana nawe, ongqondo yongeziweyo. |
| Maziko: | Lo mcimbi awufuni ziingcali namachelezi, uphandle nje. Yiyani nje phaya esikolweni ngomso lo, niya kufika eludaka. Ukuba niya ngoMvulo, olona suku lwakhe, nibize abahloli kwangoMvulo lowo zinganqakra. |
| Madala: | Ingathi lilo elo lakho kunjalo nje alingezi nakuthetha kwathini na. |
| Maziko: | Kuyo yonke ke le nto unga akungelibali ukuba indawo le ndiyincwase mpela, ndaye ndizimisele. |
| Madala: | Xa kunjalo ke mfo wam yazi ukuba amatwina ayahlutshezwa ukuze abambe. |
| Maziko: | Cacisa bawo. |
| Madala: | Kanti andithethi siLungu. Ukuba uyindoda, nandoda indoda yomXhosa umelwe kukundiva. Yintakobusi yodwa ethanda ubusi ingakwazi ukuphakula. |
| Maziko: | O! Hayi ndiyaqal' ukukuva ke ngoku. Ndikuloo nto ukuyo nawe. Ndazi mhlophe ukuba intakobusi ishiyelwa elenkosi inqatha. |
| Madala: | Uthe kanti uyindoda titshala. Into enje ke mfo wam, ngakumbi eyamadoda ivalelwa macal' onke ibolele ngaphakathi. |

6.1 UMaziko noMadala bathetha ngabani apha? (1)

6.2 Wenzeni lo mfo kuthethwa ngaye? (1)

6.3 Indlela athetha ngayo uMaziko iyamtyhila ukuba ungumntu onjani. Mchaze ukuba ungumntu onjani. (2)

6.4 Leliphi eli cebo athi uMaziko makabonelwe lona uLoni? (2)

6.5 Kutheni eze kuxela kuMadala nje? (1)

6.6 Cacisa le ntetho ithi, 'UMadala uzenza ibhenqa elizingela.' (2)

6.7 UMaziko uthi, '... animboni uLoni utshila ngesidanga sikaNdila,' ubhekisa koobani? (1)

6.8 Sesiphi esi sidanga atshila ngaso uLoni? (1)

6.9 Injongo kaMaziko yokuza kuMadala ngalo mcimbi yintoni? (2)

6.10 Uthi uMadala yintoni isizathu sokuba banyamezele uLoni nangona enxila esikolweni? (1)

6.11 Le mpendulo uyinike kuMBUZO 6.10 wayithatha njani uMaziko? Zixhase. (2)

6.12 Ingaba isenzo sikaMaziko sokuza kuthetha ngoLoni kuMadala sibonisa ukuba uyakhathala ngesikolo nekamva labantwana? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.13 Kwakutheni uMaziko aze ahlekele phantsi? (1)

6.14 UMaziko uthi uMadala ujonge phesheya komlambo. Oku kuthetha:

A UMadala ujonge ngaphesheya komlambo.
B UMadala ume ngasemlanjeni.
C UMadala ujonge omnye umntu ngaphandle kwakhe. (1)

6.15 UMaziko noMadala ngamaphuthi ahlath'inye. Ngqina oku uzixhase. (2)

6.16 Ingaba uyavelana noLoni lo kuthethwa ngaye apha? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

6.17 Sisiphi isizathu asibekayo uMaziko ngeziphumo zesikolo ezibi? (1)

6.18 Cacisa intetho kaMaziko ethi, 'Yiyani phaya esikolweni nakufika eludaka.' (2)

6.19 Ithetha ukuthini intetho kaMadala ethi, 'Amatwina ayahlutshezwa ukuze abambe'? (2)

6.20 Ingaba into yokuphelelwa ngumsebenzi kukaLoni ngenxa yokungakwazi ukuziphatha yinto ekhe yenzeke entlalweni yethu? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.21 Ingaba umbhali uzama ukusibonisa ntoni ngalo mlinganiswa unguMadala? (2)

6.22 Saba yintoni isiphelo sikaLoni apha ebalini? (1)

6.23 Iyelenqe likaMaziko laphumelela. Ngqina oku ngokwasencwadini. (1)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**

***NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu & EZ Guqa**

**UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)**

***UMNTU AKALAHLWA* – LL Ngewu**

UMathidala yindoda engqwabalala, uzwilakhe wokwenene. Ngqina oku ngokubonisa impatho kaMathidala kusapho lwakhe (240 amagama). **[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UMHLAHLO NGAMEHLO* – LL Ngewu**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Ummangali ibinguNonkanyezi intwazana eyayigqwashule yaphuma enkundleni ngokugxothwa lipolisa kuba ibonakele iselula mhla kwakuxoxwa ityala likaNompoxeko. Iyixelele le ntwazana inkundla ukuba uZolani wayazisa ukuba nokuba ingaya kweyiphi na inkundla akayi kubhungca emacebetshwini kuba yena enobungcali bokubhutya umntu ngobubende inyama engayidlanga. Le ntwazana iyixelele inkundla ukuba ummangalelwa lo njengamfana wakwaMthi uzingce ngokuba yena unomthi kanomyayi yaye kudala ekweli khondo. UNonkanyezi lo ubeyiphale kanobom le nkewu ngezo nzipho zakhe zimfutshane zinjalo. Uhlangulwe kumalinge eli tshijolo kukusitsho esofelweyo, esisitshotho enjalo. Eli ityala belichotshelwe ndedeba yimbi, ebekubonakala ukuba ayikatofeki zizihelegu ezenziwa ngabantu.

UZolani apho abuvume khona ubugwenxa bakhe umtshutshisi wenze into engaqhelekanga yokuchubela inkundla uhlobo le nkewu yaphuncuka ngalo kwelinye ityala lobudlwengu. Izamile indoda ibichophele eli tyala ukulumkisa ngelithi asingomsebenzi wenkundla ukunqika iziduli nokuphanda amadlaka koko esi silumkiso asimfakelanga amaqhubu umtshutshisi. Umtshutshisi ucele umchopheli weli tyala ukuba alum' elahla angawobolozeli kuba ilizwe lonakele zizidlwengu ezidliselayo. Uyiqukumbele intetho yakhe ngelithi wenzela ukuba umchopheli weli tyala angayenzi impazamo yokucinga ukuba le nkewu iyaqala ukutyhilizela abantu abaselula basetyhini kweli tyholo lenkohlakalo.

Ummangalelwa ugwetywe ukuba achithe ubom bakhe bonke entolongweni. Nanamhla inkundla ibizele imi ngeembambo ngabantu ababedlwengulwe ngumdla wokuqonda ukuba njengokuba ibiphunzile nje ngezolo ingelodlolwazana injalo, namhla yozala nkomoni na. Sithe sakuwa isigwebo wadidizela wada wawa isiduli ummangalelwa aza amdidizelisa amapolisa ukumsa kwesimnyama isisele. Ngeli xesha ibanjwa lididizeliswa ngamapolisa kuvele ezinye iintwazana ezidize ukuba nazo zakha zaxhatshazwa kanobom sesi sidlwengu koko zoyika ukuza ngaphambili kuba zibaleka ukwenziwa intlekisa ngamadoda kwinkundla yamatyala.

8.1 Ngubani ummangalelwa kweli tyala? (1)

8.2 Sithini isityholo sommangali kummangalelwa? (1)

8.3 Intetho ethi, 'Akayi kubhungca emacebetshwini,' ithetha ukuthini? (2)

8.4 Isizathu sokuqiniseka kukaZolani ukuba uNonkanyezi akayi kubhungca emacebetshwini kweli tyala sesiphi? (1)

8.5 Xa ubungumhlobo kaNonkanyezi ubungathini emva kwesigwebo? (2)

8.6 Chonga ibinzana elithetha ukuba, 'Unethamsanqa lokuphuncula angabanjwa'. (1)

8.7 Ingaba uyaqala ukuyenza le nto ummangalelwa? Xhasa impendulo yakho ngokucaphula apha kwisicatshulwa. (2)

8.8 Xela ubungqina obubonakalayo kuZolani obubungqina bokuzilwela kukaNonkanyezi. (1)

8.9 Yintoni isitshotho? Khetha kwezi mpendulo:

A Ngumntu onelizwi elitshileyo.
B Ngumntu onelizwi elibukhali.
C Ngumntu onelizwi elitswinayo. (1)

8.10 Ucinga ukuba yintoni le athi umbhali akakatofeki kuyo umantyi? (2)

8.11 Ingaba saba yintoni isiphumo setyala? (1)

8.12 Ingaba yintoni injongo yomtshutshisi yokuxelela inkundla indlela uZolani awaphuncuka ngayo kwelinye ityala lobudlwengu? (2)

8.13 Qikelela into ebinokwenziwa nguZolani ngoko kumazi kwakho apha ebalini xa ebenokungagwetywa avalelwe esiseleni. (2)

8.14 Thelekisa imizamo kaNompoxeko naleyo kaNonkanyezi ngeli xesha uZolani azama ukubadlwengula. (2)

8.15 Ingaba isenzo somtshutshisi esixelwe kuMBUZO 8.12 usibona silungile? Xhasa impendulo yakho. (2)

8.16 Ungathi uNonkanyezi ungumntu onjani? (2)

8.17 Isaci esisetyenziswe ngumbhali, '... unomthi kanomyayi ...' xa achaza uZolani usibona sichanekile ngokwalapha ebalini? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

8.18 Myalezo mni oziswa ngumbhali ngokumenza uZolani agwetywe ubomi entolongweni? (2)

8.19 Ingaba umbhali ngokusebenzisa la mazwi uzama ukuvelisa oluphi uluvo?

'... zibaleka ukwenziwa intlekisa ngamadoda kwinkundla yamatyala.' (2)

8.20 Ingaba uNonkanyezi ebeqala ukuza enkundleni yamatyala ngale mini yeli tyala? Xhasa impendulo yakho. (2)

8.21 UZolani samothusa isigwebo awasifumanayo. Chonga isivakalisi esixhasa oku. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

***VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli***

Phendula nayiphi imibuzo emiBINI.

### UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**Iimbongi zakwaNtu – LT Manyase**

Awu! Midak' akowethu ndiboleken' indod' ibenye.
Ndiboleken' indod' ibe ny' enelizw' eliphakamileyo,
Indod' enomoya enelizwi eliqaqambileyo.
Indod' engakhethe bala lamntu, enentliziyo enye.
Ikh' isibekel' amabala ngeembongi zakwaNtu,
Ibek' izigigaba kutsho kuthi gabu amafu.

Ndifuna indoda enomoya ethetha inyaniso.
**Indod' etheth' into eyivileyo esuka embilinini**.
Ingabi yinteth' ekhaphu-khaphu engenaxabiso
Ibe yinto enokuvakala esuka entliziyweni.
Ngxatsho ke! Akungethethi nto ngeembongi zakwaXhosa.
Woba yinto ebhibhidlayo engakwazi kuxoxa.

Yizani nendoda enelizwi elibetha neleembongi,
Kub' indod' engenamoya yothetha kant' iyanyelisa.
Zon' iimbongi zakwaXhosa zifun' indoda eyingqondi,
Kuba zatheth' umnt' esemny' elizweni isizwe saneliswa.
Zabonga mandulo aqin' amagwal' ay' emfazweni.
Zawukhaphela umkhosi zawukhuph' esangweni.

Zabong' emthonyameni komkhulu iinkosi zalila
Zazisikelela zazizinzisa ezihlalweni zazo.
Zawuthutha-thuth' umkhosi izinja zakomkhulu zakhwina
Aqin' amadolo kumagwala athath' imikhonto yawo.
Ath' ebelil' iinyembezi zajika zazezovuyo,
Ath' ebehlininika, kwajika kwakokoncumo.

Ndiziselen' indod' ibe nye enehlombe kwanomoya.
Yiy' engafanel' ukum' enkundleni ityakatye ngeembongi,
Ibek' amabala nezibakala ibabaze, zokholwa.
Ukuze ingatheth' izint' ezingayi mxhelweni kwiimbongi,
Kuba ziintw' ezikwaz' ukuphixanisa nokufunza
Kuba ziintw' ezinokuxolelanisa nokukhunga
Azi nithi bantu bani n' aba soloko bakhamisa,
Bedumis' imisebenzi emihle yezandla zikaThixo.
Beneliso elibukhali, besoloko befanisa.
Bechub' iindaba bentyiloza, besikhumbuza ngamasiko.

9.1 Xela uhlobo lophinda-phindo olusetyenziswe yimbongi kumgca woku-1 nowe-2. (1)

9.2 Chaza ukuba sisetyenziselwe ntoni isikhuzo esikumgca woku-1 yimbongi. (1)

9.3 Chaza okuphuhliswa ngumfanekiso-ngqondweni oziswa sisifanekisozwi, <u>gabu</u> esisetyenziswe yimbongi kumgca wesi-6. (1)

9.4 Imbongi ithi ifuna umntu onjani onokuthetha ngeembongi? Caphula umgca ophuhlisa oku. (1)

9.5 Tolika okuthethwa yimbongi kumgca obhalwe ngqindilili wesi-8. (2)

9.6 Khetha impendulo echanekileyo:

Intetho ekhaphu-khaphu engenaxabiso, yintetho:

A Elula xa iphakanyiswa.
B Ethethwa ngokusebeza.
C Engenantsingiselo engadali luvakalelo. (1)

9.7 Nika intsingiselo equlathwe ngumqolo we-14. (1)

9.8 Nika intsingiselo equlathwe sisitanza sesi-3. (2)

9.9 Loluphi udidi lweembongi ekuthethwa ngalo kulo mbongo? (1)

9.10 Imfanozandi ekumgca wama-20 isetyenziselwe ukugxininisa ntoni malunga neembongi? (1)

9.11 Uchasaniso olusetyenziswe kumqolo wama-23 nowama-24 luqaqambisa galelo lini leembongi esizweni? (1)

9.12 Khetha engeyonyani kwezi mpendulo zikwizibiyeli:

(iwubhala phantsi umbongo wayo/isuka idanduluke ibonge)

Imbongi yomthonyama ... (1)

9.13 Luthini uluvo lombhali/lwembongi ngeembongi zakwaNtu? (2)

9.14 Ingaba le ndima idlalwa ziimbongi zakwaNtu ichazwa kulo mbongo uyibona ibalulekile wena? Xhasa impendulo yakho. (1½)
**[17½]**

**OKANYE**

## UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**Intaba kaNdoda – LS Ngcangata**

Ngxatsho-o-o-ke, mzi wasemaXhoseni!
Ngxatsho-o-o-ke, hlanga lwakwaluhlanga!
Ndithetha nani, zidwesha namagqiyakazi.
Ndibhekisa nakuni, mlisela nomthinjana.

**Yintaba kaNdoda intaba yeentaba.**
Yintab' encoph' isondel' ezulwini.
Yintab' ezinyaswe ngamahlath' akwaHoho,
Inge ithozamel' ukuthandazel' imvula.

Kulapho kutsholoz' iintaka neenyamakazi,
Ngokungathi zidumis' uQamata ngesihomo;
Zimzukisa ngokudala le Ntaba kaNdoda;
Zimbamba ngazibini ngobukho nobunjani bayo.

Sinelunda isizwe sikaXhosa ngale ntaba.
Yintab' esiya kuqhayisa ngayo ezizweni.
Asinakuba manyonywana zisakuyikhankany' iintlanga,
Kuba yintab' engundoqo weembali zakwaRharhabe.

Ntabandini ukuba ubukhula ngendithetha ndophele.
Ndithi ngendityibela, ndityondyotha, ndityatyadula.
Ngendisithi khul' ud' ukhuluphale kodwa ungakhokhobi.
Ngendisithi khul' ud' ufike khon' ezulwini.

Uthume' izijoli zize kusidlel' amathol' eendaba;
Zisibalisele ngezinto zalapho kwikhaya lolangazelelo;
Zisichazele ngezinto ezenzek' ezulwimi.
Zisixelele ngamaXhos' ababalwe ngobomi baphakade.

Ngemihla yantlandlolo, nditsho mandulo,
Kwez' uRharhabe nehlokondiba labalandeli.
Bafika babek' ubilo kuyo le ntaba,
Bevela kwaPhalo, phesheya komlambo.

Babeqephuke kuGcaleka baziph' amathafa,
Kuba ezi nkunzi zazingooxholovane zombini.
Nangona zaziphuma kuPhalo, yena ncakasana,
Zingathandi ukukhonya buhlantini bunye.

10.1 Khetha impendulo ibenye:

'Ngxatsho-o-o-ke!, ngesi sivula-mlomo imbongi icela:

A Ukuba abantu bamamele olu daba iza nalo.
B Ukuba bangxathe.
C Igxotha abantu ukuba bagoduke. (1)

10.2 Intetho ethi, 'hlanga lwakwaluhlanga' ithetha ukuba imbongi ibhekisa kubantu abayintoni kuyo? (1)

10.3 Amabinzana akrwelelwe umgca kumgca wesi-3 nowesi-4 aphuhlisa ntoni? (1)

10.4 Umgca obhalwe ngqindilili kwisitanza sesibini usixelela ntoni ngale ntaba? (1)

10.5 Ithetha ukuthini imbongi ngalo mgca?

'Yintab' encoph' isondel' ezulwini.' (1)

10.6 Xela isafobe esisetyenziswe kumgca we-10. (1)

10.7 Intaba kaNdoda imi ecaleni kweliphi ihlathi? (1)

10.8 Igama elikrwelelwe umgca kumqolo we-15 lithetha ukuthini? (1)

10.9 Chaza ngamazwi akho okuqulethwe kumgca we-17. (1)

10.10 Imfanozandi esetyenziswe kumqolo we-18 isinika umfanekiso ngqondweni womntu onjani? (1)

10.11 Nika intsingiselo equlathwe sisitanza sesi-4. (2)

10.12 Ingaba **yinyan**i okanye **asiyonyani**?

URharhabe xa wayevela Phesheya kweNciba neqela labantu, waphumla kule ntaba. (½)

10.13 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli:

(wasebenza/waphumla/wabeka impahla phantsi)

Xa imbongi isithi, 'URharhabe wabek'ubilo', ithetha ukuba wafika ... (1)

10.14 Ingaba ulwazi oluveliswa yimbongi ngale ntaba lubalulekile? Xhasa impendulo yakho. (2)

10.15 Yintoni injongo yembongi ngokubhala umbongo ngale ntaba? (2)
**[17½]**

**OKANYE**

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**Ukungcwatywa kwetalente – C Nqakula**

Ndithi ndakucinga indlela endiphile ngayo emhlabeni,
Ubomi endingenakho ukuthetha ngabo ngeqhayiya,
Kuba kungekho msebenzi mhle endithi ndiyawushiya
Njengokuba sendisondela kangakanana ngoku ekufeni,
Ndiqonde ukuba bendinokuzidla okukhulu emphefumlweni
**Okwenze ukuba ndingabinasipho ndisinikezela eluntwini**
Ngeenjongo zokuphucula isizwe sam ezizweni,
Ukuze singabisosizwe sabangqibi, sihluthe esiswini.

Umntu ngamnye uyintsika nomsimelelo wabanye,
Kumntu ngamnye ebomini kulindeleke imisebenzi
Eza nempucuko nempumelelo nempilo nakwabanye,
Kuba kaloku sonke emhlabeni singabakhonzi.

Inkonzo yethu mayityhutyhe ilizwe;
Iitalente zethu mazikhonze isizwe.

11.1 U-ndi obhekiselele kumntu wokuqala ubonisa ukuba imbongi ibhekisa kubani kulo mbongo? (1)

11.2 Loluphi udidi lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.3 Nika intsingiselo equlathwe yimigca esibhozo yokuqala. (2)

11.4 Imbongi ithi yintoni ebangela ukuba ingakwazi ukuthetha ngeqhayiya ngobomi bayo kumgca wesi-3? (1)

11.5 Khetha impendulo ibe NYE echanekileyo:

Ngokwalo mbongo ingxaki yesizwe sale mbongi kukuba sisizwe:

A Esingqibayo.
B Esihluthayo.
C Esingqingqizayo. (1)

11.6 Cacisa ngamazwi akho okuthethwa ngumgca we-9. (2)

11.7 Chonga umgca omnye kumbongo obonisa ukuba umntu ngamnye unoxanduva lokwenza igalelo ebomini. (2)

11.8 Chonga umgca embongweni osibonisa ukuba imbongi ayisenabomi bude eza kubuphila. (1)

11.9 Ucinga ukuba kulungile ukuba umntu italente yakhe ayisebenzisele isizwe? Xhasa impendulo yakho. (1½)

11.10 Ingaba isikweko, <u>uyintsika</u> esisetyenziswe yimbongi usibona sichanekile ngokomxholo walo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.11 Cacisa into ethethwa yimbongi kumgca we-13 nowe-14. (2)
**[17½]**

**OKANYE**

**UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**Inkonjane – VV Sigonya**

Ndayibon' indand' ipheph' okwengelosi.
Ndayibanga ngeliso ndathi yeyam.
Mpiko zayo zaphendlwa-phendlwa;
Ngumoy' ongephi zityhil' ubumbeje-mbeje,

Ndayibonga ndagqiba ngentliziyo.
Ndafihl' izikhwazo ndisoyik' uluntu.
Yandimemez' ibik' udaba.
Yavakal' intlontl' ingqay' ubomi bam.

Wavakal' umoya wentumekelelo.
Zagungq' iingcango zentliziyo.
Lwabeth' uvalo lundityel' uba yeyam.
Umoya wembala nawo wandingqinela.

Ndayondela; ndayijonga; ndayiphonononga;
Ndafik' iyimfezek' ingqibelelo.
Yayizotyiwe ngenene ngemini yehlobo.
Yabuthabatha bonk' ubume bam.

Luqhotyoshwe kweso sithuba ke olu lwimi
Ndithethe ndagqiba kodwa hayi intlokomo.
Ndazibona ndindodwa ndisemehlwen' oluntu.
Ndanyalasa; ndingqola-ngqola; ndibheshuza;
Ngomphefumlo ndingaboni mntu.

Manqina mani na la andicaf' umphefumlo?
Nzipho zini na ezi zindikrwemp' ulonwabo?
Ncumo luni na olu lukuwe ntakandini?
Mdiki mni lo ulele kwezo nzipho?

Ntakandini yezu<u>lu</u>;
Ngeba wena uyinzu<u>lu</u>;
Ngoba wena unyu<u>lu</u>.

12.1 Chonga isafobe kwisitanza-1 kumgca wokuqala, uxele udidi lwaso. (2)

12.2 Nguwuphi umfanekiso-ngqondweni umbhali asizobela wona kwisitanza-1 kumgca we-3 ukuya kowe-4? (1)

12.3 Nika intsingiselo equlathwe kwisitanza sesi-3. (2)

12.4 Uphindaphindo lwezenzi ezizizithetha-ntonye kumgca we-13 luzisa ntsingiselo ni? (2)

12.5 Umgca wama-20 othi: 'Ndanyalasa, ndingqola-ngqola, ndibheshuza,' usinika umfanekiso-ngqondweni womntu:

A Ohamba eyekelele umzimba.
B Ohamba ngokuzidla nokuzithemba.
C Ohamba ngokukhawuleza. (1)

12.6 Imibuzo-buciko esetyenziswe kumgca wama-22 nowama-23 kwisitanza sesi-6 ibonisa ntoni? (1)

12.7 Loluphi udidi lombongo olu? (1)

12.8 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? (1)

12.9 Imbongi ithetha ukuthini xa isithi le nkonjane inyulu? (1½)

12.10 Xela isixhobo esisetyenziswe yimbongi kumagama akwisitanza sesi-7 akrwelelwe umgca? (1)

12.11 Imifanekiso-ntelekelelo yeliso inafuthe lini kumxholo walo mbongo? (2)

12.12 Uthini umxholo walo mbongo? (2**)**
**[17½]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**